# Ubomi obutsha bukaKenneth

## Imibuzo phambi kokuFunda

1. Funda isihloko sebali uze uqikelele ukuba ibali liza kuthetha ngantoni?
2. Ucinga obu bomi butsha buza kuba njani?



EXTRACT PAGES

UNkosikazi Palesa uzalelwe wakhulela kwilokishi yakwaDukuza eKomani. Ubeminyaka engamashumi amathathu anesihlanu ubudala. Kuba ebengemntu ufunde kuyaphi ebephangela emakhitshini kwidolophu yaseKomani. Ebephila nzima ephangelela imali encinci.

Ebephangela phi unkosiksazi uPalesa?




Wafumana ilishwa lokuthi iteksi awayekhwele kuyo esiya emsebenzini igilisane nenye imoto. Ushiye ngasemva unyana wakhe okukuphela kwakhe uKenneth ominyaka esithoba.

Utata kaKenneth akasekho. Kule minyaka yonke ibinguPalesa obenoxanduva lokukhulisa unyana wakhe eyedwa.

EXTRACT PAGES


Kwenzeka ntoni kuNkosikazi uPalesa?



Bekungekho nesizalwane ebesinokuthi simthathe uKenneth. Yaba yintlungu engathethekiyo indaba kaKenneth. Ngethamsanqa kuthe kanti abelungu bakaPalesa ngabantu abanobubele. Bamthathile bahlala naye bemenza umntwana wabo.

Chaza ukuba kwenzeka ntoni emva kokuba umama wakhe eswelekile?

EXTRACT PAGES



EXTRACT PAGES

Bamse endaweni apho afumene intuthuzelo yomphefumlo ukuze alibale ngokumehleleyo. Bamfake esikolweni esingekude apho bahlala khona. Uyaqhubeka nezifundo zakhe kwisikolo sodidi oluphezulu apho eKomani.


Chonga igama elithi uKenneth wasiwa kwisikolo esiphezulu.



EXTRACT PAGES

Ubomi bukaKenneth bungcono buya buphucuka yonke imihla. Uyagqwesa kwizifundo zakhe esikolweni, akabonisi ngxaki. Unesimilo esihle, uyabathanda abantu. Ootitshala nabafundi nabo bayamthanda.

Ukuba ibinguwe ngekunjani kwisikolo esitsha nabantu ongabaziyo?



Kwikhaya lakhe elitsha uKennneth ufunde imithetho yokhona emitsha. Xa esitya uhlala etafileni, utya ngemela nefolokhwe. Ufunde nendlela yokuthetha akasaphaphazeli, uthethela phantsi. Xa ebuya esikolweni uyababulisa abange ebonakalisa ububele. Uyahlamba rhoqo xa eza kulala.

EXTRACT PAGES

Ucinga ukuba yahluke kanjani impilo yakhe yakudala neyangoku?



EXTRACT PAGES

UKenneth ufumana amathuba amahle angazange wawacinga. Ungomnye wabafundi abadlala ikhrikethi esikolweni sakhe. Uyayithanda kwaye uyidlala kakuhle kakhulu. Uyathandwa ngabadlali kuba uyabaphumelelisa xa bedlala nezinye izikolo.

Ngowuphi lo mdlalo uKenneth agqwesa kuwo?



EXTRACT PAGES

Xa kuvele amathuba wokuya kukhuphisana nezinye izikolo, uKenneth uyachongwa eqeleni. Abazali bakhe abatsha bayaya nabo bayokumbukela edlala. Uyaliqhokra iapile laseJava umfana. Utsho kukhale ababukeli.

Ungavuya wena xa abazali bakho beza kwimidlalo nezinye izikolo?



EXTRACT PAGES

Enye into ayithanda kunene ngumculo. Kweli khaya lakhe litsha. Utata wakhona uhlala ecofa ipiyano edlala umculo wecawe. Ukusuka apho abukele umdlalo wamanqindi. Kube lula ukosuleleka kuKenneth, naye suka wangumlonji. Ukwalilungu lekwayala yesikolo secawe.

Ucinga ukuba impilo kaKenneth ihlukile kuna ngaphambili?



EXTRACT PAGES

Ngeempela-veki udlala nabahlobo bakhe kwibala elikufuphi nalapho ahlala khona. Umdlalo wesoka ngowona uthandwayo ngabantwana abaninzi. Naye akazibeki phantsi uthabatha, inxaxheba kwithuba elivelayo.

Ucinga ukuba kuthetha ukuthini ukuthi: ukuthatha inxaxheba?



EXTRACT PAGES

Akango mntwana owonqenayo ukwenza umsebenzi wasekhaya. Xa kusetyenzwa egadini kucocwa, iintyatyambo okanye kulinywa uyancedisa. Ungambona ngokuthi abe nomdla wokutyala eyakhe imbewu amane enkcenkceshela izityalo.

UKenneth ungumntwana owonqenayo. Yinyani okanye asiyonyaniso?



EXTRACT PAGES

Ubomi bukaKenneth bubonakalisa ikamva lakhe eliqaqambileyo. Uzuze ithamsanqa elingaqhelekanga, ukomkelwa ngabantu angazalani nabo. Aba bantu abalulo nohlanga lwakhe, kodwa banentliziyo entle ngaye. Ngomhla wokuzalwa kwakhe uphiwa izipho, ulilungu lolu sapho.

Ucinga ukuba ngekwenzeka ntoni kuKenneth ukuba olu sapho lungazange lumthathe?